

# 18




# Uziva njani namhlanje?

## Indlela endiziva ngayo



US'bu, uNyoka uya kwipati yomhlobo wakhe yomhla wokuzalwa kwakhe, uDassie.
Urhubuluza ngesisu ke …
"Mholweni!" Utsho kubo bonke abahlobo bakhe adibana nabo endleleni apho.
"Ninjani namhlanje?"
"Yher-r-r-r **ndibuhlungu!**" wakhalaza watsho uFudo.
"Andinamendu. Bandishiye bonke ukuya kutsho epatini."
"**Andisenamincili ngako!**" watsho uMbodla.
"Ngaske ndide ndiyokufika kule pati kaDassie ndizokuzingxala ngezo zimuncumuncu."
"**Ndiyayonyanya le ntoo,**" kutsho uBhabhathane.
"Zonke ezi zipho ziya kuDassie, akukho nesinye esiza kum!"



"Heyi, **ndiyoyika**!" watsho engcangcazela uSele.
"Wena ungasuka undiginye ndihleli, ndingayi kufika nakuloo pati kaDassie."
"Hayi sukuzihlupha umphefumlo; andilambanga,
ndityе kakhulu ngexesha lesidlo sakusasa!" wamhlisa umoya ngelo uS'bu.
"**Ndinewari**, ndenzakele apha kulo mlenze,
ndingangakwazi ukudanisa kakuhle kule pati,"
wenza loo mathandabuzo uSigcawu.
"Sukuzihlupha maan, ungaxhumaxhuma ngale isixhenxe ingena nto!"
wamcebisa loo nto uS'bu.
"**Ndisisigantsontso**, ndiyenze yonke imithambo yam yakusasa;
atsho amandla am angaphaya kokuqonda, akukho mpuku inokundifumana tu!"
wabhobhoza ngelo uMpuku.
"**Ndinebhongo** ngokuba eli khadi lomhla wokuzalwa kukaDassie ndilenze ngokwam!"
wazigobha amacalla uSikhova.



Aba bahlobo bade baya kufika kwaDassie ngelingeni.
"Heyi Dassie,  Kunjani?" watsho ukubulisa kwakhe uS'bu.
"**Andisavuyi ngako**, namhlanje ngumhla wokuzalwa kwam,  ndinenzele ipati!" watsho evuya uDassie.
"Hure-e-e-! **Sivuyisana nawe sonke**!" batsho ngemincili bonke abo bahlobo.

